Isalathiso: 20170406-9858
12/2/11/1/3
Imibuzo: R Leukes

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0011/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beze-*ECD,* kuBacebisi beZifundo be-*ECD*, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaCandelo zeSigaba seSiseko kwizikolo zikarhulumente ezineBakala R, kootitshala/kwiipraktishina zeBakala R kwizikolo zikarhulumente nakwiiNqununu neepraktishina ezikumaziko eBakala R abhalisiweyo azimeleyo

Isihloko: **Umgaqo-sikhokelo weKharityhulam i-*South African National Curriculum Framework for children from Birth to Four*: Uqeqesho lweePraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R (*pre-Grade R Practitioners*) nolweeNqununu zamaZiko e-ECD**

1. Ngo-2013, ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE)* laqulunqa umgaqo-sikhokelo weKharityhulam, i-*South African National Curriculum Framework (NCF) NCF) for children from Birth to Four*. Lo mgaqo-sikhokelo wekharityhulam kazwelonke ujolise ekuphuculeni umgangatho wemfundo esisiseko ngokumisela isiseko esiluqilima kwakwiminyaka yasekuqaleni. Ukwabonelela nangesikhokelo sokwenza iiprogram zokufunda nezokusebenza neemveku nabantwana abancinci ukususela ekuzalweni kwabo ukuya kwiminyaka emine yokuzalwa. Ukwalungele nokusetyenziselwa iimeko-bume, iinjongo nabathathi nenxaxheba abaziindidi ezininzi. I-*NCF* inokufumaneka kweli ziko lewebhu leSebe i*DBE*: **https://tinyurl.com/m99omqf**

2. Kugunyaziswe amaSebe eMfundo amaphondo ukuba aziqeqeshe zonke iipraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R (*pre-Grade R practitioners*) kwi-*NCF* engadlulanga u-2019 ngokwethagethi ezimiselwe liSebe i-*DBE*.

3. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i*WCED*) lenze izicwangciso zoqeqesho lwe*NCF* kwiphondo ngokubanzi lwazo zonke iipraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R ukususela kuJulayi 2017 ukubheka phambili. Aya kunikwa ithuba lokubakho kolu qeqesho lwe*NCF* amaqela awahlukileyo eepraktishina zeBakala eliphambi kweBakala *R* ngamaxesha awahlukileyo kwithuba leminyaka emibini ezayo.

4. IiKholeji zaseNtshona Koloni ii-*Western Cape Technical and Vocational Education and Training (TVET) Colleges* ziya kuqhuba olu qeqesho lisebenzisana neSebe i*WCED*.

5. Oomasifundisane bokuqala ababini baya kuqhubeka ngolu hlobo lulandelayo:

IQela 1:	Umasifundisane weentsuku ezintlanu ukususela kwi-03 ukuya kwiJulayi 2017 Ngo-08:00 ukuya ku-16:00	Uqeqesho lwangoJulayi 2017 sisigaba sokuqala soqeqesho lwe*NCF*. Olu lolweepraktishina ezinamabanga emfundo ii-*ECD L4 practitioners* neenqununu zamaziko e-*ECD* abhalisiweyo kwiSebe i*WCED* kunye nakwiSebe i-*DSD*.
IQela 2:	Umasifundisane weentsuku ezintlanu ukususela kwi-10 ukuya kwi-14 Julayi 2017 Ngo-08:00 ukuya ku-16:00	

6. **Ukubhalisela uqeqesho lwe*NCF* lwangoJulayi 2017**

6.1 Umhla wokugqibela wobhaliso ngumhla we-**31 Meyi 2017.**

6.2 Ziyacelwa iinqununu zamaziko e-*ECD* abhaliswe neSebe i*WCED* kunye neSebe i-*DSD*, zizibhalise zona kwakunye neepraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R ezinamabanga emfundo (*qualified pre-Grade R L4 practitioners)* (ezifundisa abantwana ukususela ekuzalweni kwabo ukuya kwiminyaka emine) ukulungiselela uqeqesho lwe*NCF* kwi-*TVET College* ekufutshane nazo. Ikopi yesatifikethi se-*ECD L4* sepraktishina nganye mayihanjiswe nefom yobhaliso.

6.3 Lonke ubhaliso luya kwenziwa zii-*TVET Colleges* ezidweliswe kwi-siHlomelo B. Akukho lubhaliso luya kuqhubeka kwii-ofisi zezithili zeSebe i*WCED*.

6.4 Indawo ezikhoyo *(spaces)* kuqeqesho zilinani eliqingqiweyo. Ubhaliso luya kwenziwa ngokuthi kuqwalaselwe abafike kuqala yaye iSebe i*WCED* kunye/okanye i-*TVET College* inelungelo lokumisela oku kulandelayo:

- amanani ngokweziko le-*ECD* ngalinye; kunye
- nokwabiwa kwamaqela ngokweeveki zoqeqesho.

6.5 Obhalise ngokuyimpumelelo uya kufumana ingqinisekiso nge-*SMS* okanye nge-imeyili zingadlulanga iintsuku eziyi-14 zomsebenzi ifunyenwe ifom yobhaliso. Ukuba inqununu ayifumenanga ngqinisekiso yokubhaliswa kwabo, imele ukuqhagamshelana ne-ofisi ye*TVET* ungadlulanga owe-15 Juni 2017 ukufumana inkcazo ngokuqhubekayo malunga nokubhaliswa kwabo.

6.6 **Ngabathathi-nxaxheba ababhalisileyo kuphela abaya kulungiselelwa** kuqeqesho njengoko kuya kwenziwa amalungiselelo okuqhubeka kolu qeqesho ngokufanelekileyo.

6.7 Iziphungo nesidlwana sasemini, ziya kubonelelwa kulo masifundisane. Abathathi-nxaxheba abaneemfuno ezizodwa zezidlo ezithile baya kulungiselelwa kangangoko kunokwenzeka; nakuba kunjalo, kucetyiswa bonke abathunywa ukuba beze nezinto eziziimfuno ezizodwa/ezongezelelweyo abazifunayo.

6.8 Akukho nkxaso-mali iya kuhlawulelwa izithuthi zokukhwela. Ngako oko kucetyiswa ukuba abathathi-nxaxheba bakubhalisele ukubakho kuqeqesho kwelona ziko loqeqesho likufutshane.

6.9 **Le fom yobhaliso iqhotyoshelweyo (isiHlomelo A**) mayizaliswe yaye ibuyiselwe kwikholeji i-*TVET College* echaphazelekayo ungadlulanga owe-31 Meyi 2017.

7. Yonke imibuzo emalunga nobhaliso lwangoJulayi 2017 mayithunyelwe kwi-*TVET College* echaphazelekayo **ekwisiHlomelo B.**

8. Yonke eminye imibuzo malunga noqeqesho lwe*NCF* imele ukubhekiswa kumagosa e-*ECD* eSebe i*WCED* adweliswe **kwisiHlomelo C.**

9. Emva kwalo masifundisane weentsuku ezintlanu, kuya kulindeleka ukuba bonke abathathi-nxaxheba bazijongisise kwakhona iiprogram zabo zemihla ngemihla kwakunye neeprogram zokufunda zabo ukuqinisekisa ukuba zingqinelana ne-*NCF*.

10. ISebe i*WCED* likujonge ngethemba oku kuqaliswa kolu qeqesho lwe*NCF* eNtshona Koloni, lisebenzisana nee-*TVET Colleges*, yaye lizimisele ukuzisa uqeqesho lwe*NCF* olusemgangathweni kubo bonke abathathi-nxaxheba ababhalisiweyo.

11. Iinqununu zamaziko e-*ECD* abhalise neSebe i*WCED* kunye/okanye neSebe i-*DSD* ziyacelwa zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuzo zonke iipraktishina zeBakala eliphambi kweBakala R ukwenzela uze ziyithathele ingqalelo, ngakumbi iipraktishina ezinamabanga emfundo ezizii-*ECD L4 practitioners*, yaye maziqinisekise ukuba zinikwa ithuba lokuya kolu qeqesho lungayi kuphindwa lwangoJulayi 2017.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-05-11